- Base 10 blocks are a useful concrete mathematical representation, and the use of these blocks helps learners to visualise computations. Encourage conversation between learners so that they can talk about how they used the blocks to talk about 10s and 1s when they add. The ability to verbalise solutions and justify methods is an essential aspect of the development of mathematical understanding.
- Important vocabulary**: doubling**, **tens**, **ones**, **addition**

Ukudibanisa amashumi

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS
FIZZ POP – UKUPHINDA KABINI!
FIZZ POP – DOUBLING
→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT
→ UMDLALO
GAME
→ AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

IZIBALO ZENTLOKO | MENTAL MATHS

Nika abafundi amathuba okuziqhelisa ukuphinda kabini ngokudlala umdlalo othi *uFizz Pop*.

Provide opportunities for learners to practice doubling by playing Fizz Pop.

Ukhumbule ukuqinisekisa umhla uze uphawule irejista yonke imihla.

Remember to check the date and mark the register every day.





Adding tens

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Gqibezela izivakalisi manani. Bhala ama-10 nemivo.
Complete the number sentences. Write the 10s and 1s.

99 = _____ + _____

46 = _____ + _____

28 = _____ + _____

69 = _____ + _____

17 = _____ + _____

33 = _____ + _____

58 = _____ + _____

73 = _____ + _____

88 = _____ + _____

76 = _____ + _____

Usuku 2 Day 2

Gqibezela izivakalisi manani. Bhala ama-10 nemivo.
Complete the number sentences. Write the 10s and 1s.

19 = _____ + _____

82 = _____ + _____

27 = _____ + _____

45 = _____ + _____

91 = _____ + _____

36 = _____ + _____

55 = _____ + _____

68 = _____ + _____

73 = _____ + _____

85 = _____ + _____

Usuku 3 Day 3

Sebenzisa amakhadi exabiso lendawo ukuze wenze:
Use your place value cards to make:

16

65

84

55

27

38

71

43

98

12

Usuku 4 Day 4

Sebenzisa amakhadi exabiso lendawo ukuze wenze:
Use your place value cards to make:

58

29

71

33

82

17

44

96

65

28

Ukudibanisa amashumi

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Masisebenzise iibloko ukudibanisa amashumi. Zingaphi endinazo?
Let's use blocks to add tens. How much have I got here?

1

Ngamashumi ama-3 namashumi ama-5.
That is 3 tens and that is 5 tens.

Senze ntoni ukuze sidibanise la manani?
What should we do to add these numbers?



2

Siyawahlanganisa.
We put them together.
30 + 50 = 80

Sithini isiphumo?
What is 27 + 40?

3

Siyawahlanganisa.
We put them together.
27 + 40 = 67



4

Nika abafundi amathuba aliqela okudibanisa amashumi ngeebloko zesiseko se-10 okanye ngaphandle kwazo. Bakhuthaze ukuba bancokole ngamanani abawadibanisayo kunye nezisombululo abazifumanayo.

Allow learners multiple opportunities to add tens with or without base 10 blocks. Encourage them to talk about the numbers they are adding and the solutions they find.

Adding tens

IVEKI • WEEK 4

USUKU 1 • DAY 1

Ukudibanisa amashumi
Adding tens

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

FIZZ POP – UKUPHINDA KABINI
FIZZ POP – DOUBLING

→ UMDLALO
GAME

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

Umdlalo: IMath ekhawulezayo ngedayisi – baleka ukuya kwi-100
Game: Fast maths with dice – race to 100

- Dlalani ngababini.
  Play in pairs.
- Phosa idayisi. Ukhumbule inani lakho.
  Roll the dice. Remember your number.
- Nikanani amathuba.
  Phosa kwakhona.
  Take turns. Roll again.
- Dibanisa amanani.
  Add the numbers together.
- Qhuba ude uyokufika kwi-100.
  Keep going till you get to 100.

40 + 30 = ____



40 30

40 + 30 = 70



70

Ungasebenzisa iibloko ukudibanisa. Masidibanise ama-10.
You can use blocks to add. Let's add 10s.

Usenokuyenza nangentloko!
You can also do it mentally!

1 Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

40 + 20 = 60	10 + 40 = 50	50 + 20 = 70
20 + 60 = 80	40 + 40 = 80	80 + 20 = 100

34

Ukudibanisa amashumi

53 + 30 = ____

Ungasebenzisa iibloko ukudibanisa. Masidibanise ama-10 nemivo.

You can use blocks to add. Let's add 10s and 1s.

Ama-53 ayafana nama-50 adibene nesi-3.

53 is the same as 50 and 3.



50 3

Ndidibanisa ama-30.

I add 30.



30

Ndihlanganisa iibloko xa ndidibanisa.

I put the blocks together when I add.



80 3

53 + 30 = 83

Kukho amashumi ama-5 namashumi ama-3. Xa edibene enza amashumi asi-8. Ndinama-83 ewonke.

There are 5 tens and 3 tens. That makes 8 tens. I have 83 altogether.

2 Sombulula usebenzise iibloko okanye ungazisebenzisi.

Solve with or without blocks.

22 + 50 = 72	41 + 20 = 61	54 + 40 = 94
26 + 30 = 56	17 + 60 = 77	45 + 40 = 85

Adding 10s and 1s

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

FIZZ POP – UKUPHINDA KABINI!
FIZZ POP – DOUBLING

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ UMDLALO
GAME

→ AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Masidibanise ngokusebenzisa iibloko. Singenza ntoni?
Let's add using blocks. What can we do?

1

Masidibanise ama-10 nemivo.
Let's add 10s and 1s.

Ndidibanisa imivo ndize ndidibanise amashumi. Ndifumana amashumi ama-6 nemivo emi-5.
I add the 1s and I add the tens. I get 6 tens and 5 ones altogether.



2

Masenze enye. Sithini isiphumo 24 + 35?
Let's do another one. What is 24 + 35?

3

Ndifumana amashumi ama-5 nemivo eli-9 zizonke.
I get 5 tens and 9 ones altogether.



4

Nika abafundi amathuba aliqela okusombulula iingxaki ezibandakanya ukudibanisa ngeebloko zesiseko se-10 okanye ngaphandle kwazo. Bakhuthaze bathethe ngamanani abawadibanisayo nezisombululo abazifumanayo.

Allow learners multiple opportunities to solve problems involve adding 10s and 1s with or without base 10 blocks. Encourage them to talk about the numbers they are adding and the solutions they find.

IVEKI • WEEK 4

USUKU 2 • DAY 2

Ukudibanisa ama-10 nemivo
Adding 10s and 1s

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS → FIZZ POP – UKUPHINDA KABINI FIZZ POP – DOUBLING → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

Learners who don't need to use blocks can add mentally

42 + 27 = ____

Ungasebenzisa iibloko ukudibanisa. Masidibanise ama-10 nemivo.
You can use blocks to add. Let's add 10s and 1s.

Ama-42 ayafana nama-40 anesi-2.
42 is the same as 40 and 2.



Ukudibanisa ama-27 kuyafana nokudibanisa ama-20 nesi-7.
Adding 27 is the same as adding 20 and 7.



Ndihlanganisa iibloko ndaweninye xa ndidibanisa.
I put the blocks together when I add.



42 + 27 = 69

Amashumi ama-4 kunye namashumi ama-2 enza amashumi ama-6. Imivo emi-2 kunye nemivo esi-7 zenza imivo esi-9. Ndinama-69 zizonke/zidibene.
4 tens and 2 tens makes 6 tens. 2 ones and 7 ones makes 9 ones. I have 69 altogether.

1 Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

32 + 23 = 55	21 + 32 = 53	46 + 31 = 77
36 + 51 = 87	55 + 24 = 79	62 + 17 = 79

Adding 10s and 1s

Ungasebenzisa iibloko xa udibanisa. Dibanisa ama-10 nemivo. Zingaphi zidibene?

You can use blocks to add. Add the 10s and 1s. How much altogether?

2 Sombulula usebenzise iibloko.

Solve using blocks.

45 + 34 = 79	22 + 26 = 48	31 + 58 = 89
35 + 61 = 96	64 + 24 = 88	21 + 51 = 72

These 3 sets of tasks are linked

Yenza ezi ungazisebenzisi iibloko zakho!

Do these without your blocks!

3 Sombulula.

Solve.

30 + 20 = 50	30 + 30 = 60	20 + 40 = 60
50 + 30 = 80	40 + 30 = 70	70 + 20 = 90
70 + 10 = 80	50 + 40 = 90	60 + 30 = 90

38 + 20 = 58	37 + 30 = 67	27 + 40 = 67
58 + 30 = 88	44 + 30 = 74	72 + 20 = 92
71 + 10 = 81	53 + 40 = 93	64 + 30 = 94

38 + 21 = 59	37 + 32 = 69	27 + 41 = 68
58 + 31 = 89	44 + 33 = 77	72 + 25 = 97
71 + 12 = 83	53 + 45 = 98	64 + 34 = 98

IVEKI 4 • USUKU 3

Ukudibanisa ama-10 nemivo

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

FIZZ POP – UKUPHINDA KABINI!
FIZZ POP – DOUBLING

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO
GAME → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Uza kuzisebenzisa njani iibloko ukudibanisa oku?
How will you use blocks to add this?

1

Ndidibanisa imivo ndize ndidibanise amashumi. Ndifumana amashumi ama-6 nemivo esi-8 zidibene.
I add the 1s and I add the tens. I get 6 tens and 8 ones altogether.

2

Usifumene njani eso siphumo?
How did you get that?



3

Bendinamashumi ama-4 namashumi ama-2, aze andinika amashumi ama-6 xa edibene.
I had 4 tens and 2 tens which gave me 6 tens altogether.

4

Bendinemivo emi-6 neminye emi-2 endinike imivo esi-8 xa idibene.
I had 6 ones and 2 ones which gave me 8 ones altogether.

5



Nika abafundi amathuba aliqela okusombulula iingxaki ezibandakanya ukudibanisa amashumi nemivo ngeebloko zesiseko se-10 okanye ngaphandle kwazo. Bancede abafundi baqonde indlela esibhala ngayo izivakalisi manani ukuze babonise umsebenzi wabo.

Allow learners multiple opportunities to solve problems that involve adding tens and ones with or without blocks. Help the learners to see how we write the number sentences to show their working.

Adding 10s and 1s

IVEKI • WEEK 4

USUKU 3 • DAY 3

Ukudibanisa ama-10 nemivo
Adding 10s and 1s

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS → FIZZ POP – UKUPHINDA KABINI FIZZ POP – DOUBLING → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

34 + 25 = ____

Masibonise ke ngoku umsebenzi wethu ngeebloko ze sibhale umsebenzi wethu ngezivakalisi manani.

Now let's show our work with the blocks and write our work in number sentences.

Ama-34 ayafana nama-30 anesi-4.

34 is the same as 30 and 4.



Ukudibanisa ama-25 kuyafana nokudibanisa ama-20 nesi-5.

Adding 25 is the same as adding 20 and 5.



Ndihlanganisa iibloko ndaweninye xa ndidibanisa.

I put the blocks together when I add.



34 + 25 = 30 + 20 + 4 + 5
= 50 + 9
= 59

Singabhala ukubala kwethu ngolu hlobo. Dibanisa ama-10 nemivo. Sifumana ntoni xa zidibene?

We can write our calculation like this. Add the 10s and the 1s. What do we get altogether?



1 Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.

Solve using blocks. Write what you did to work it out.

24 + 12 = 20 + 10 + 4 + 2 = 30 + 6 = 36	42 + 25 = 40 + 20 + 2 + 5 = 60 + 7 = 67

38

Ukudibanisa ama-10 nemivo

2 Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.
Solve using blocks. Write what you did to work it out.

33 + 23 = 30 + 20 + 3 + 3 = 50 + 6 = 36	61 + 32 = 60 + 30 + 1 + 2 = 90 + 3 = 93
23 + 54 = 20 + 50 + 3 + 4 = 70 + 7 = 77	42 + 55 = 40 + 50 + 2 + 5 = 90 + 7 = 97
22 + 44 = 20 + 40 + 2 + 4 = 60 + 6 = 66	74 + 11 = 70 + 10 + 4 + 1 = 80 + 5 = 85

3

UThando uthenge ipetroli ngee-R53. Uthenge nokutya ngee-R22. Uchithe malini iyonke?
Thando bought petrol for R53. He bought food for R22. How much did he spend altogether?

R53 + R22 = R50 + R20 + R3 + R2
= R70 + R5
= R75

UOyama uthenge ipetroli ngee-R62. Uthenge ukutya ngee-R32. Yimalini ayichithileyo iyonke?
Oyama bought petrol for R62. He bought food for R32. How much did he spend altogether?

R62 + R32 = R60 + R30 + R2 + R2
= R90 + R4
= R94

Addition word problems

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

FIZZ POP – UKUPHINDA KABINI!
FIZZ POP – DOUBLING

→ **UPHUHLISO LWENGQIQO**
CONCEPT DEVELOPMENT →

UMDLALO
GAME →

AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

UNtando unee-R61. Umama wakhe umnika enye imali ezii-R33. Unamalini ngoku?

Ntando has R61. His mom gives him another R33. How much money does he have now?

Uza kuyisombulula njani le ngxaki?

How will you solve this problem?



Kufuneka ndidibanise. Ndiza kusebenzisa esi sivakalisi manani.

I must add. I will use this number sentence.

Sibonise ukuba ungadibanisa njani usebenzisa iibloko.

Show us how you can do this using blocks.

Ngoko ke uNtando unee-R94.

So Ntando will have R94.

Bakhuthaze abafundi ukuba bangazisebenzisi iibloko xa bekwazi ukwenza njalo. Nika abafundi amathuba aliqela okusombulula iingxaki besebenzisa iibloko zesiseko se-10.

Repeat the steps with other addition word problems. Allow learners multiple opportunities to solve word problems using base 10 blocks. Encourage learners to work without blocks as soon as they are able to.

IVEKI • WEEK 4

USUKU 4 • DAY 4

lingxaki zamagama zokudibanisa
Addition word problems

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS → FIZZ POP – UKUPHINDA KABINI FIZZ POP – DOUBLING → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

Masisebenzise iibloko zethu size sibhale izivakalisi manani!
Let's use our blocks and write number sentences!

Model the worked example on the board using blocks and numbers

1 ULebo uthenge ooshoti ngee-R45 nehempe ngee-R32. Yimalini ayichithileyo iyonke?
Lebo bought shorts for R45 and a shirt for R32. How much did he spend altogether?

R45 + R32 = R40 + R30 + R5 + R2
= R70 + R7
= R77

ULikho uthenge ibhola ngee-R52 neekawusi ngee-R24. Yimalini ayichithileyo iyonke.
Likho bought a ball for R52 and socks for R24. How much did he spend altogether?

R52 + R24 = R50 + R20 + R2 + R4
= R70 + R6
= R76

2 Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.
Solve using blocks. Write what you did to work it out.

Learners who don't need blocks can complete this task without it

36 + 31 = 30 + 30 + 6 + 1 = 60 + 7 = 36	43 + 25 = 40 + 20 + 3 + 5 = 60 + 8 = 68
55 + 24 = 50 + 20 + 5 + 4 = 70 + 9 = 79	41 + 38 = 40 + 30 + 1 + 8 = 70 + 9 = 79

40

Addition word problems

3 Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.
Solve using blocks. Write what you did to work it out.

28 + 31 = 20 + 30 + 8 + 1 = 50 + 9 = 59	43 + 35 = 40 + 30 + 3 + 5 = 70 + 8 = 78
57 + 22 = 50 + 20 + 7 + 2 = 70 + 9 = 79	83 + 12 = 80 + 10 + 3 + 2 = 90 + 5 = 95
53 + 42 = 50 + 40 + 30 + 2 = 90 + 5 = 95	57 + 32 = 50 + 30 + 7 + 2 = 80 + 9 = 89
65 + 24 = 60 + 20 + 5 + 4 = 80 + 9 = 89	55 + 23 = 50 + 20 + 5 + 3 = 70 + 8 = 78

4 UThomas uthenge incwadi ngee-R32 namaphepha ngee-R24. Yimalini ayichithileyo iyonke?
Thomas bought a book for R32 and paper for R24. How much did he spend altogether?

R32 + R24 = R56

UFundi uthenge isichazimagama ngee-R36 namaphepha ngee-R23. Yimalini ayichithileyo iyonke?
Fundi bought a dictionary for R36 and a notebook for R23. How much did she spend altogether?

R36 + R23 = R59

IVEKI • WEEK 4

USUKU 5 • DAY 5

Uqukaniso
Consolidation

IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET → IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET

Masithethe ngeMaths!
Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:	In English we say:
iibloko zesiseko se-10	base 10 blocks
I-10 elinye liyafana nemivo elishumi.	One 10 is the same as ten 1s.
Ndiyakwazi ukudibanisa amashumi kwaye ndiyakwazi ukudibanisa imivo.	I can add the tens and I can add the 1s.
Ukudibanisa ama-25 kuyafana nokudibanisa ama-20 nesi-5.	Adding 25 is the same as adding 20 and 5.

1 Sombulula.
Solve.

40 + 10 = 50	20 + 30 = 50	30 + 40 = 70
20 + 40 = 60	30 + 40 = 70	50 + 10 = 60
60 + 10 = 70	40 + 40 = 80	30 + 60 = 90

44 + 10 = 54	25 + 30 = 55	37 + 40 = 77
28 + 40 = 68	34 + 40 = 74	52 + 10 = 62
61 + 10 = 71	43 + 40 = 83	34 + 60 = 94

44 + 12 = 56	25 + 32 = 57	37 + 41 = 78
28 + 41 = 69	34 + 45 = 79	52 + 15 = 67
61 + 12 = 73	43 + 42 = 85	34 + 64 = 98

Consolidation

2 Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.
Solve using blocks. Write what you did to work it out.

47 + 32 = 40 + 30 + 7 + 2 = 70 + 9 = 79	52 + 24 = 50 + 20 + 2 + 4 = 70 + 6 = 76
36 + 51 = 30 + 50 + 6 + 1 = 80 + 7 = 87	73 + 14 = 70 + 10 + 3 + 4 = 80 + 7 = 87

3 Sombulula iingxaki zamagama. Ungasebenzisa iibloko zakho.
Solve the word problems. You can use your blocks.

UThembi uthenge ubherana ngee-R31 nencwadi ngee-R26. Yimalini ayichithileyo iyonke?
Thembi bought a teddy for R31 and a book for R26. How much did she spend altogether?

R31 + R26 = R30 + R20 + R1 + R6
= R50 + R7
= R57

UNtando uthenge ihempe ngee-R44 nebhola ngee-R15. Yimalini ayichithileyo iyonke?
Ntando bought a shirt for R44 and a ball for R15. How much did he spend altogether?

R44 + R15 = R40 + R10 + R4 + R5
= R50 + R9
= R59

UPermie uthenge ama-apile ngee-R25 neebhanana ngee-R12. Yimalini ayichithileyo iyonke?
Permie bought apples for R25 and bananas for R12. How much did she spend altogether?

R25 + R12 = R37

Ukuthabatha ama-10 nemivo

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Zingaphi ezenza ama-20	amakhadi amachokoza
Umdlalo: Baleka ukuya ku-0	idayisi





Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Ukuthabatha amashumi	LAB, iibloko zesiseko se-10 (utitshala nomfundi)
2	Ukuthabatha ama-10 nemivo	LAB, iibloko zesiseko se-10
3	Ukuthabatha ama-10 nemivo	LAB, iibloko zesiseko se-10
4	Iingxaki zamagama zokuthabatha	LAB, iibloko zesiseko se-10
5	Uqukaniso novavanyo olujolise ekufundeni	LAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukuthabatha inani elinemivo emibini kwinani elinemivo emibini ngaphandle kokuwelela ngaphaya kweshumi.	
ukusombulula iingxaki zokuthabatha ngokusebenzisa iibloko zesiseko se-10 nokuthabatha amashumi nemivo.	
ukusombulula iingxaki zamagama zokuthabatha ngokusebenzisa iibloko zesiseko se-10 nokuthabatha amashumi nemivo.	

Uvavanyo (jonga kumaphepha angasemva esi sikhokelo)

Uvavanyo olubhalwayo: Inani, iindlela zokubala nolwalamano – ukuthabatha ama-10 nemivo

Subtracting 10s and 1s

	Resources
Mental Maths: How much to make 20?	dot cards
Game: Race to 0	dice





Day	Lesson activity	Lesson resources
1	Subtracting tens	LAB, base 10 blocks (teacher and learner)
2	Subtracting 10s and 1s	LAB, base 10 blocks
3	Subtracting 10s and 1s	LAB, base 10 blocks
4	Subtraction word problems	LAB, base 10 blocks
5	Consolidation and assessment for learning	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
subtracting a double digit from a double digit, without bridging the ten.	
solving subtraction problems by using base 10 blocks and subtracting tens and ones.	
solving subtraction word problems by using base 10 blocks and subtracting in tens and ones.	

Assessment (see back pages of this guide)

Written assessment: Numbers, Operations and Relationships – subtracting 10s and 1s

Ukuthabatha ama-10 nemivo

Izibalo zentloko

Kule veki kwizibalo zentloko senza ama-20. Sakha kwaye sibethelela ulwazi lweebhondi ze-10 besebenzisa amakhadi. Abafundi kufuneka babe nombono we-10 ngokuzalisa izakhelo zeshumi ezenziwe ngamakhadi amachokoza ashicilelweyo baze benze ama-20. Lo msebenzi ubethelela ulwazi lwabafundi lweebhondi zeshumi nolwalamano olongezelelayo.



Umdlalo

Kule veki siza kudlala umdlalo othi IMath ekhawulezayo ngedayisi – baleka ukuya ku-0. Kulo mdlalo abafundi baziqhelisa ukuthabatha ngokuthabatha ngokuphindaphindeneyo inani eliqingqiweyo bade bafike ku-0. Naxa abanye abafundi benokusombulula iingxaki zokuthabatha ngokubala bebuya umva ukusuka enanini, kubalulekile ukukhuthaza abafundi basebenzele ukusombulula iingxaki ngentloko.



Uphuhliso lwengqiqo

Siza kugxila kwiingxaki zokuthabatha kule veki. Abafundi baza kusombulula ngaphandle kokuwelela ngaphaya kweshumi, besebenzisa iibloko zesiseko se-10 ukubanceda. Abafundi baza kuziqhelisa ukusombulula iingxaki ngokuthabatha amashumi nemivo, ukuze basebenze ngokukhawuleza nangempumelelo. Kumsebenzi wethu wokuthabatha siza kugxila koku:

- ukuthabatha inani elinemivo emibini kwelinye inani elinemivo emibini, ngaphandle kokuwelela ngaphaya kweshumi.
- ukusombulula imibuzo yokuthabatha neengxaki zamagama ngokusebenzisa iibloko zesiseko se-10 nokuthabatha amashumi nemivo.





Into emayiqatshelwe kule veki

- Iibloko zesiseko se-10 yimiboniso yemathematika ebambekayo neluncedo kwaye ukusetyenziswa kwezi bloko kunceda abafundi babe nombono wokubala. Khuthaza incoko phakathi kwabafudi ukuze bathethe ngendlela abasebenzise ngayo iibloko ukuze bathethe ngamashumi nemivo xa bethabatha. Ukukwazi ukuthetha ngezisombululo nokuthethelela iindlela zokubala yinto ebalulekileyo yokuphuhlisa ulwazi lwemathematika.
- Isigama esibalulekileyo: **amashumi**, **imivo**, **ukuthabatha**

Subtracting 10s and 1s

Mental Maths

In Mental Maths this week we make 20. We build on and consolidate knowledge of the **bonds of 10** using dot cards. Learners have to visualise 10 by filling the ten frames created by the printed dot cards and then make 20. This activity strengthens learners understanding of their bonds of 10 and additive relations.



Game

This week we will play the game Fast maths with dice – race to 0. In this game, learners will practise **subtraction**, by repeatedly subtracting the number rolled until they reach 0. While some learners may still solve the subtraction problems by counting back from the number, it is important to encourage learners to work towards solving the problems mentally.



Concept development

This week we focus on problems that involve subtraction. Learners will solve subtraction problems without bridging ten, using base 10 blocks to help them. Learners will practise solving problems by subtracting tens and ones, so as to work quickly and efficiently. In our work on subtraction, we will focus on:

- subtracting a double digit number from a double digit number, without bridging the ten.
- solving **subtraction** questions and word problems by using base 10 blocks and subtracting in tens and ones.





What to look out for this week

- Base 10 blocks are a useful concrete mathematical representation and the use of these blocks helps learners to visualise computations. Encourage conversation between learners so that they can talk about how they used the blocks to talk about 10s and 1s when they subtract. The ability to verbalise solutions and justify methods is an essential aspect of the development of mathematical understanding.
- Important vocabulary: **tens**, **ones**, **subtraction**

Ukuthabatha amashumi

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

IINYANI ZAMANANI UKUYA KU-20
NUMBER FACTS TO 20

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO
GAME → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

IZIBALO ZENTLOKO | MENTAL MATHS

Ziqhelise ukwenza ama-20 usebenzise amakhadi amachokoza.

Practise making 20 using dot cards.

Ukhumbule ukuqinisekisa umhla uze uphawule irejista yonke imihla.

Remember to check the date and mark the register every day.



Subtracting tens

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Sebenzisa iibloko zakho zesiseko se-10:
Use your base 10 blocks to make:

52

29

84

36

65

13

91

45

78

89

Usuku 2 Day 2

Sebenzisa iibloko zakho zesiseko se-10:
Use your base 10 blocks to make:

56

43

81

78

29

19

31

94

67

88

Usuku 3 Day 3

Gqibezela izivakalisi manani. Bhala ama-10 nemivo.
Complete the number sentences. Write the 10s and 1s.

96 = _____ + _____

28 = _____ + _____

71 = _____ + _____

32 = _____ + _____

87 = _____ + _____

65 = _____ + _____

14 = _____ + _____

41 = _____ + _____

53 = _____ + _____

35 = _____ + _____

Usuku 4 Day 4

Gqibezela izivakalisi manani. Bhala ama-10 nemivo.
Complete the number sentences. Write the 10s and 1s.

12 = _____ + _____

86 = _____ + _____

31 = _____ + _____

25 = _____ + _____

73 = _____ + _____

94 = _____ + _____

47 = _____ + _____

18 = _____ + _____

66 = _____ + _____

54 = _____ + _____

Ukuthabatha amashumi

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT









Nika abafundi amathuba aliqela okuthabatha amashumi ngeebloko okanye ngaphandle kwazo. Bakhuthaze ukuba bathethe ngamanani abawathabathayo kunye nezisombululo abazifumanayo.

Allow learners multiple opportunities to subtract tens with or without blocks. Learners must also use their own base 10 blocks. Encourage them to talk about the numbers they are subtracting and the solutions they find.

Subtracting tens

IVEKI • WEEK 5

USUKU 1 • DAY 1

Ukuthabatha amashumi
Subtracting tens

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS | IIFEKTHI ZAMANANI UKUYA KU-20 NUMBER FACTS TO 20 → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

Umdlalo: IMaths ekhawulezayo ngedayisi – baleka ukuya ku-0
Game: Fast maths with dice – race to 0

- Dlalani ngababini.
  Play in pairs.
- Phosa idayisi. Thabatha inani lakho kwi-100.
  Roll the dice. Subtract your number from 100.
- Tshintshiselanani. Phosa kwakhona.
  Take turns. Roll again.
- Qhubeka nokuthabatha ude ufike ku-0.
  Keep subtracting till you get to 0.



70 – 30 = 40



1 Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

60 – 30 = 30	40 – 20 = 20	50 – 20 = 30
60 – 50 = 10	80 – 40 = 40	90 – 60 = 30

Ukuthabatha amashumi

68 – 30 = ____

Ama-68 ayafana nama-60 nesi-8.

68 is the same as 60 and 8.



Ndithatha ama-30.

I take away 30.



Ndiqinisekisa okuseleyo emva kokuba ndithabathile.

I check what is left after I have subtracted.



68 – 30 = 38



2 Sombulula usebenzise iibloko okanye ungazisebenzisi.

Solve with or without blocks.

63 – 20 = 43	59 – 30 = 29	72 – 40 = 32
87 – 30 = 57	68 – 60 = 8	45 – 10 = 35

Subtracting 10s and 1s

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS | IINYANI ZAMANANI UKUYA KU-20 NUMBER FACTS TO 20 → **UPHUHLISO LWENGQIQO** CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO GAME → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Masithabathe sisebenzise iibloko. Senze ntoni?
Let's subtract using blocks. What can we do?



1

Masithabathe ama-10 nemivo.
Let's subtract 10s and 1s.

2

Ndithabatha imivo ndize ndithabathe amashumi. Ndishiyeka namashumi ama-2 nemivo emi-3.
I subtract the 1s and I subtract the 10s. I am left with 2 tens and 3 ones.

Masenze enye. Ufumana ntoni ku-69 25?
Let's do another one. What is 69 – 25?

3

4

Ndishiyekelwa ngamashumi ama-4 nemivo emi-4.
I am left with 4 tens and 4 ones altogether.

Nika abafundi amathuba aliqela okusombulula iingxaki zokuthabatha ama-10 nemivo besebenzisa iibloko zesiseko se-10. Bakhuthaze ukuba bathethe ngamanani abawathabathayo nangezisombululo abazifumanayo.

Allow learners multiple opportunities to solve problems involve subtracting 10s and 1s using base 10 blocks. Encourage them to talk about the numbers they are subtracting and the solutions they find.

IVEKI • WEEK 5

USUKU 2 • DAY 2

Ukuthabatha ama-10 nemivo
Subtracting 10s and 1s

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS → IIFEKTHI ZAMANANI UKUYA KU-20 NUMBER FACTS TO 20 → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

88 – 23 = ____

Ungasebenzisa iibloko ukuze uthabathe. Masithabathe ama-10 nemivo.
You can use blocks to subtract. Let's subtract 10s and 1s.

Ama-88 ayafana nama-80 anesi-8.
88 is the same as 80 and 8.



Ukuthabatha ama-23 kuyafana nokuthabatha ama-20 nesi-3.
Subtracting 23 is the same as subtracting 20 and 3.



Ndithatha iibloko xa ndithabatha.
I take away blocks when I subtract.



88 – 23 = 65

Kushiyeke amashumi ama-6 nemivo emi-5. Oko kwenza ama-65. Ndishiyekelwe ngama-65 emva kokuthabatha.
There are 6 tens and 5 ones left. That makes 65. I have 65 left after I subtract.

1 Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

58 – 24 = 34	63 – 32 = 31	46 – 31 = 15
86 – 54 = 32	55 – 42 = 13	69 – 17 = 52

46

Subtracting 10s and 1s

2 Sombulula usebenzise iibloko.

Solve using blocks.

45 – 34 = 11	83 – 42 = 41	99 – 57 = 42
39 – 11 = 28	64 – 51 = 13	77 – 63 = 14

Show the link between these calculations

3 Sombulula.

Solve.

40 – 20 = 20	70 – 30 = 40	80 – 10 = 70
50 – 30 = 20	80 – 40 = 40	90 – 50 = 40
60 – 20 = 40	90 – 60 = 30	70 – 10 = 60

45 – 20 = 25	78 – 30 = 48	86 – 10 = 76
59 – 30 = 29	82 – 40 = 42	93 – 50 = 43
67 – 20 = 47	94 – 60 = 34	71 – 10 = 61

45 – 22 = 23	78 – 36 = 42	86 – 15 = 71
59 – 37 = 22	82 – 42 = 40	93 – 51 = 42
67 – 23 = 44	94 – 61 = 33	71 – 11 = 60

Ukuthabatha ama-10 nemivo

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

IINYANI ZAMANANI UKUYA KU-20
NUMBER FACTS TO 20

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ UMDLALO
GAME

→ AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Uza kuzisebenzisa njani iibloko ukwenza olu thabatho?
How will you use blocks to do this subtraction?

Ndithabatha imivo ndize ndithabathe amashumi
I subtract the 1s and I subtract the 10s.

Bendinamashumi ama-6 ndaza ndathabatha amashumi ama-4 ngoku ndishiyekelwe ngamashumi ama-2.
I had 6 tens and I took away 4 tens, so I am left with 2 tens.



Bendinemivo esi-8 ndaze ndathabatha imivo emi-2 ngoku ndishiyekelwe yimivo emi-6.
I had 8 ones and I took away 2 ones, so I am left with 6 ones.

Nika abafundi amathuba aliqela okusombulula iingxaki ezibandakanya ukuthabatha ama-10 nemivo ngeebloko zesiseko se-10 okanye ngaphandle kwazo. Nceda abafundi babone indlela esibhala ngayo izivakalisi manani ukuze babonise ukubala kwabo.

Allow learners multiple opportunities to solve problems that involve subtracting tens and ones with or without blocks. Help the learners to see how we write the number sentences to show their working.

Subtracting 10s and 1s

IVEKI • WEEK 5

USUKU 3 • DAY 3

Ukuthabatha ama-10 nemivo
Subtracting 10s and 1s

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS → IIFEKTHI ZAMANANI UKUYA KU-20 NUMBER FACTS TO 20 → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

58 – 31 = ____

Ungasebenzisa iibloko ukuze uthabathe. Masithabathe ama-10 nemivo.

You can use blocks to subtract. Let's subtract 10s and 1s.

Ama-58 ayafana nama-50 nesi-8.	Ukuthabatha ama-31 kuyafana nokuthabatha ama-30 nomvo o-1.
58 is the same as 50 and 8.	Subtracting 31 is the same as subtracting 30 and 1.
 50 8	 50 – 30 8 – 1

58 – 31 = 58 – 30 – 1
= 28 – 1
= 27

Kushiyeke amashumi ama-2 nemivo esi-7. Oko kwenza ama-27. Umahluko phakathi kwama-58 nama-31 ngama-27.

There are 2 tens and 7 ones left. That makes 27. The difference between 58 and 31 is 27.

1 Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.

Solve using blocks. Write what you did to work it out.

56 – 22 = 56 – 20 – 2 = 36 – 2 = 34	86 – 25 = 86 – 20 – 5 = 66 – 5 = 61
67 – 31 = 67 – 30 – 1 = 37 – 1 = 36	74 – 43 = 74 – 40 – 3 = 34 – 3 = 31

48

Ukuthabatha ama-10 nemivo

2 Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.
Solve using blocks. Write what you did to work it out.

68 – 23 = 68 – 20 – 3 = 48 – 3 = 45	76 – 42 = 76 – 40 – 2 = 36 – 2 = 34
94 – 53 = 94 – 50 – 3 = 44 – 3 = 41	55 – 35 = 55 – 30 – 5 = 25 – 5 = 20
68 – 56 = 68 – 50 – 6 = 18 – 6 = 12	87 – 33 = 87 – 30 – 3 = 57 – 3 = 54

3 UMaya unee-R85. Uthenga ukutya ngee-R21. Unamalini ngoku?
Maya has R85. She buys food for R21. How much money does she have now?

R85 – R21 = R85 – R20 – R1
= R65 – R1
= R64

UKhanyi unee-R75. Uthenga incwadi ngee-R34. Unamalini ngoku?
Khanyi has R75. He buys a book for R34. How much money does he have now?

R75 – R34 = R75 – R30 – R4
= R45 – R4
= R41

Subtraction word problems

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS | IINYANI ZAMANANI UKUYA KU-20 NUMBER FACTS TO 20 → **UPHUHLISO LWENGQIQO** CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO GAME → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT







Phinda la manyathelo ngezinye iingxaki zamagama zokuthabatha. Nika abafundi amathuba aliqela okusombulula iingxaki zamagama ngeebloko okanye ngaphandle kwazo.

Repeat the steps with other subtraction word problems. Allow learners multiple opportunities to solve word problems with or without blocks.

IVEKI • WEEK 5

USUKU 4 • DAY 4

Ukuthabatha ama-10 nemivo
Subtracting 10s and 1s

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS → IIFEKTHI ZAMANANI UKUYA KU-20 NUMBER FACTS TO 20 → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

Masisebenzise iibloko zethu size sibhale izivakalisi manani!
Let's use our blocks and write number sentences!

Remember to keep the first number whole

1 UBev unee-R55. Uthenge imagazini ngee-R23. Unamalini eshiyekileyo?
Bev had R55. She bought a magazine for R23. How much money does she have now?

R55 – R23 = R55 – R20 – R3
= R35 – R3
= R32

UBrian unee-R75. Uthenge ipetroli ngee-R32. Unamalini ngoku?
Brian had R75. He bought petrol for R32. How much money does he have now?

R75 – R32 = R75 – R30 – R2
= R45 – R2
= R43

2 Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.
Solve using blocks. Write what you did to work it out.

86 – 24 = 86 – 20 – 4 = 66 – 4 = 62	74 – 32 = 74 – 30 – 2 = 44 – 2 = 42
95 – 43 = 95 – 40 – 3 = 55 – 3 = 52	68 – 55 = 68 – 50 – 5 = 18 – 5 = 13

Subtraction word problems

3 Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.
Solve using blocks. Write what you did to work it out.

28 – 21 = 28 – 20 – 1 = 8 – 1 = 7	67 – 31 = 67 – 30 – 1 = 37 – 1 = 36
78 – 43 = 78 – 40 – 3 = 38 – 3 = 35	83 – 12 = 83 – 10 – 2 = 73 – 2 = 71
53 – 42 = 53 – 40 – 2 = 13 – 2 = 11	57 – 32 = 57 – 30 – 2 = 27 – 2 = 25
89 – 42 = 89 – 40 – 2 = 49 – 2 = 47	76 – 24 = 76 – 20 – 4 = 56 – 4 = 52

4

UNdumiso unee-R55. Uthenga isonka ngee-R23. Ushiyekelwe yimalini ngoku?
Ndumiso has R55. He buys bread for R23. How much money does he have now?

R55 – R23 = R32

UMuzi ebenee-R58. Uthenga ibhola ngee-R36. Ushiyekelwe yimalini ngoku?
Muzi has R58. He buys a ball for R36. How much money does he have now?

R58 – R36 = R22

IVEKI • WEEK 5

USUKU 5 • DAY 5

Uqukaniso
Consolidation

IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET → IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET

Masithethe ngeMaths!
Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:	In English we say:
iibloko zesiseko se-10	base 10 blocks
I-10 elinye liyafana nemivo elishumi.	One 10 is the same as ten 1s.
Ndiqala ndithabathe imivo ndize ndithabathe amashumi.	First I subtract ones, then I subtract tens.
Ukuthabatha ama-36 kuyafana nokuthabatha ama-30 nesi-6.	Subtracting 36 is the same as subtracting 30 and 6.

1 Sombulula.
Solve.

These 3 sets of tasks are related

30 – 10 = 20	50 – 20 = 30	60 – 10 = 50
40 – 20 = 20	80 – 30 = 50	90 – 50 = 40
70 – 30 = 40	60 – 40 = 20	70 – 10 = 60

35 – 10 = 25	57 – 20 = 37	67 – 10 = 57
49 – 20 = 29	86 – 30 = 56	94 – 50 = 44
76 – 30 = 46	65 – 40 = 25	79 – 10 = 69

35 – 12 = 23	57 – 23 = 34	67 – 11 = 56
49 – 24 = 25	86 – 35 = 51	94 – 52 = 42
76 – 34 = 42	65 – 42 = 23	79 – 12 = 67

Consolidation

Learners should only use blocks when needed.

2 Sombulula usebenzise iibloko. Bhala ubonise indlela obale ngayo.
Solve using blocks. Write what you did to work it out.

67 – 32 = 67 – 30 – 2 = 37 – 2 = 35	87 – 24 = 87 – 20 – 4 = 67 – 4 = 63
56 – 41 = 56 – 40 – 1 = 16 – 1 = 15	99 – 57 = 99 – 50 – 7 = 49 – 7 = 42

3 Sombulula iingxaki zamagama. Ungasebenzisa iibloko zakho.
Solve the word problems. You can use your blocks.

UNdumiso unee-R68. Usebenzisa ii-R22. Unamalini eshiyekileyo?
Ndumiso has R68. He spends R22. How much money does he have left over?

R68 – R22 = R68 – R20 – R2
= R48 – R2
= R46

UMuzi unee-R99. Usebenzise ii-R45. Unamalini eshiyekileyo?
Muzi has R99. He spends R45. How much money does he have left over?

R99 – R45 = R99 – R40 – R5
= R59 – R5
= R54

UVuyo unee-R55. Usebenzisa ama-R20. Unamalini eshiyekileyo?
Vuyo has R55. She spends R20. How much money does she have left over?

R55 – R20 = R35

Amanani ukuya kwi-100

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Ukubala okuqakathayo	Isikwere se-100
Imidlalo: Izibalo ezikhawulezayo ngamakhadi – zingaphantsi ngezi-6 no# heshthegi 100	Amakhadi amanani







Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Isikwere se-100	Isikwere se-100, iibloko, iLAB
2	Ndiyazi … ngoko ke ndiyazi …	Isikwere se-100, iLAB
3	Ishumi ngaphezulu neshumi ngaphantsi	Isikwere se-100, iLAB
4	IHeshthegi	Isikwere se-100, iLAB
5	Uqukaniso novavanyo olujolise ekufundeni	iLAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukuchonga isakhiwo se-10 kwisikwere se-100.	
ukusebenzisa isikwere se-100 ukuze adibanise okanye athabathe inani elinomvo omnye kwinani elinemivo emibini.	
ukusebenzisa isikwere se-100 ukuze adibanise okanye athabathe ishumi kwinani elinemivo emibini.	

Uvavanyo (jonga kumaphepha angasemva esi sikhokelo)

Uvavanyo olubhalwayo: Iipatheni, iifankshini neAljebra – iipatheni zamanani

Uvavanyo oluthethwayo nolwenziwayo: Inani, iindlela zokubala nolwalamano – amanani ukuya kwi-100: Qwalasela abafundi ukuze ufumanise ukuba bayakwazi na ukusebenza ngokuzithemba kuluhlu lwamanani asukela ku-0 ukuya kwi-100 besebenzisa isikwere sekhulu.

Numbers to 100

	Resources
Mental Maths: Skip counting	100 square
Games: Fast maths with cards - 6 less and # Hashtag 100!	number cards





Day	Lesson activity	Lesson resources
1	100 square	LAB, 100 square, multifix blocks
2	I know..., therefore I know...	LAB, 100 square
3	Ten more and ten less	LAB, 100 square
4	Hashtag!	LAB, 100 square
5	Consolidation and assessment for learning	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
identify the 10 structure on the 100 square.	
use the 100 square to add or subtract a single digit to or from a double digit.	
use the 100 square to add or subtract a ten to or from a double digit.	

Assessment (see back pages of this guide)

Written assessment: Patterns, Functions and Algebra – number patterns

Oral and practical assessment: Numbers, Operations and Relationships – numbers to 100: Observe learners to determine if they are able to work confidently in the number range 0-100 using a hundred square.

Amanani ukuya kwi-100

Izibalo zentloko



Kule veki abafundi baza kuziqhelanisa nokubala okuqakathayo ngezi-2, ama-10 nezi-5 kwakhona. Baza kubala baye kwizintlu zamanani aphezulu kunokuba bebenzile kwiVeki yesi-5. Abafundi basebenzisa isikwere se-100 ukuze babone kwaye baqonde iipatheni. Bakhuthaze abafundi baziqhelanise nokubala okuqakathayo besiya phambili okanye bebuya umva ngokukhawuleza ukuze baphuhlise ubuciko babo.

Umdlalo



Kule veki siza kudlala imidlalo Izibalo ezikhawulezileyo ngamakhadi: 6 ngaphantsi kunye no # Hashtag 100! Siza kujolisa ekuthabatheni isi-6 ngexesha ngalinye kuvezwa ikhadi. Abafundi baza kuziqhelanise nokuya kwishumi ngokubuyela kwishumi elidlulileyo, baze bathabathe inani eliseleyo ngexesha ngalinye. Ukuwelela ngaphaya kwe-10 sisakhono ekubalulekileyo ukuba abafundi basiphuhlise ukuze babe nokusombulula iingxaki ngobuchule. Bakhuthaze abafundi bathethe ngokufika kwishumi ngokubuyela kwishumi elidlulileyo ukuze oku kube yindlela yobuchule abayithembileyo ukuba bangayisebenzisa ukusombulula iingxaki.

Uphuhliso lwengqiqo



Kule veki sigxila kumanani ukuya kwi-100. Abafundi baza kuziqhelanisa ukusebenzisa isikwere se-100 ukudibanisa nokuthabatha amanani, besebenzisa ulwazi lwabo lweepatheni zamanani lubancede ekusombululeni iingxaki. Kumsebenzi wethu wamanani ukuya kwi-100, siza kujolisa koku:

- Ukuchonga isakhiwo se-10 kwisikwere se-100.
- Ukusebenzisa isikwere se-100 ekudibaniseni nasekuthabatheni inani elinomvo omnye kwinani elinemivo emibini.
- Ukusebenzisa isikwere se-100 ekudibaniseni nasekuthabatheni ishumi kwinani elinemivo emibini.

Into emayiqatshelwe kule veki

- Kubalulekile ukuba abafundi bazithembe ekudibaniseni nasekuthabatheni ishumi, ngoko ke kufuneka baziqhelise ukwenza oko. Kufuneka bakwazi ukusebenzisa isikwere se-100 sibancede ukusombulula iingxaki ngokukhawuleza nangobuchule.
- Khuthaza incoko phakathi kwabafundi ukuze babelane ngeendlela zabo zokusombulula. Qinisekisa ukuba abafundi basebenzisa isigama esichanekileyo (**amashumi**, **imilo**, **phambi**, **emva**, **phakathi**, **dibanisa**, **kunye**, **ngaphezulu kuna-**, **thabatha susa**, **ngaphantsi kuna**, **tsiba).**

Numbers to 100

Mental Maths



This week the learners practise skip counting in 2s, 10s and 5s again. They will count to higher number ranges than they did in Week 5. Learners use a 100 square so that they can see and understand the patterns. Encourage learners to practise skip counting forwards and backwards more quickly so that they can develop their fluency.

Game



This week we play the games Fast maths with cards: 6 less and # Hashtag 100! In the first game we focus on subtracting 6 each time a new card is turned over. Learners will practise getting to ten by going back to the previous ten, and then subtracting the remaining amount each time. Bridging the 10 is an important skill for learners to develop so that they can solve problems efficiently. Encourage learners to talk about getting to ten by going back to the previous ten so that this becomes a strategy that they are confident in using to solve problems.

Concept development



This week we focus on numbers to 100. Learners will practise using the 100 square to add and subtract numbers, using their knowledge of the number patterns to help them solve problems. In our work on numbers to 100, we will focus on:

- identifying the 10 structure on the 100 square.
- using the 100 square to add or subtract a single digit to or from a double digit.
- using the 100 square to add or subtract a ten to or from a double digit.

What to look out for this week

- It is important for learners to be confident in adding and subtracting ten, and so they should have much practise with this. They need to be able to use the 100 square to help them solve problems quickly and efficiently.
- Encourage conversation between learners so that they can share their solution methods. Ensure that learners are using the correct vocabulary: **tens**, **ones**, **before**, **after**, **in between**, **add**, **and**, **more than**, **subtract**, **take away**, **less than**, **jump**

Isikwere se-100

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS
UKUBALA NGOO-2 (0-50)
COUNTING 2S (0-50)
→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT
→ UMDLALO
GAME
→ AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

IZIBALO ZENTLOKO | MENTAL MATHS

Sebenzisa izikwere ze-100 ukuze ubale. Bala uye phambili uze uphinde ubale ubuye umva.

Use 100 squares to count. Count forwards and then backwards.

Ukhumbule ukuqinisekisa umhla uze uphawule irejista yonke imihla.

Remember to check the date and mark the register every day.











100 square

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Yandisa ipatheni.
Extend the pattern.

⊡ ⊙ ⊡ ⊙

⊡ ⊡ ⊙ ⊡ ⊡ ⊙

⋁ ⊙ ⊙ ⋁ ⊙ ⊙

⊡ ⊙ ⋁ ⊡ ⊙ ⋁

⋁ ⋁ ⋁ ⊡ ⋁ ⋁ ⋁ ⊡

⋁ ⊡ ⋁ ⊙ ⋁ ⊡ ⋁ ⊙

⋁ ⋁ ⊙ ⋁ ⋁ ⊙

⋀ ⋁ ⋀ ⋁

⊡ ⊡ ⋁ ⊡ ⊡ ⋁

⊙ ⊡ ⋁ ⊙ ⊡ ⋁

Usuku 2 Day 2

Zingaphezulu kangakanani ezi- :
How much more is:

6 kunezi- than 4?

7 kunezi- than 3?

5 kunezi- than 2?

6 kunezi- than 2?

8 kunezi- than 6?

9 kunezi-/than 7?

7 kunezi-/than 4?

6 kunezi-/thanl?

5 kunezi-/than 3?

3 kunezi-/than 2?

Usuku 3 Day 3

Bhala >; < okanye =
Fill in >; < or =.

74 ____ 98

35 ____ 18

62 ____ 62

59 ____ 95

41 ____ 42

86 ____ 46

24 ____ 41

13 ____ 3

78 ____ 62

71 ____ 71

Usuku 4 Day 4

Kufuneka ndibe nezingaphi ngaphezulu?
How much more do I need?

14 + ____ = 17

7 + ____ = 9

5 + ____ = 8

11 + ____ = 14

10 + ____ = 13

18 + ____ = 19

6 + ____ = 11

7 + ____ = 15

3 + ____ = 8

2 + ____ = 9

Isikwere se-100

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Uqaphela ntoni ngamanani aphambi nasemva kwenani ama-27?
What do you notice about the numbers before and after the number 27?

Onke aqala ngo-2 into ethetha ukuba onke anamashumi ama-2.
They all start with 2 so, they all have 2 tens.

Amanani aba makhulu ngo-1 xa sihamba ngomgca ukuya ngasekunene.
The numbers get bigger by 1 as we move along the row to the right.

Jonga ke ngoku amanani 38, 48, nama-58. Uqaphela ntoni?
Now look at the numbers 38, 48 and 58. What do you notice?

Amashumi ahlukile.
The tens are different.

Onke aphela ngesi-8 into ethetha ukuba anemivo esi-8.
They all end with 8 so they all have 8 ones.

Bakhuthaze abafundi ukuba babone umahluko phakathi kwamanani xa uhamba ngomgca (amanani aye esiba makhulu ngo-1) naxa usehla ngekholam (amanani enyuka nge-10). Qiniseka ukuba uthetha ngamashumi nemivo, ukunceda abafundi babone indima yexabiso lendawo ekwahluleni phakathi kwamanani.

Encourage learners to see the differences between the numbers when you move along a row (the numbers get bigger by 1) as opposed to when you move down a column (the numbers get bigger by 10). Be sure to talk about tens and ones, helping learners to identify the role place value plays in differentiating between the numbers.

Ucinga ukuba amanani afihlakeleyo ngawaphi?
What do you think the hidden number could be?



33, angaphezulu nge-10 kunama-23
33, it is 10 more than 23

33, angasemva kwama-32
33, it is after 32

33, aphambi kwama-34
33, it is before 34

Nika abafundi amathuba aliqela okujonga isikwere se-100 nokuthetha ngendawo yamanani ahlukileyo.

Provide many opportunities for learners to look at the 100 square and to talk about the position of different numbers.

100 square

IVEKI • WEEK 6

USUKU 1 • DAY 1

Isikwere se-100
100 square

IZIBALO ZENTLOKO – MENTAL MATHS | UKUBALA IZI-2 (0–50) – COUNTING 2S (0–50) → UMDLALO – GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO – CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA – WORKSHEETS

Umdlalo: Izibalo ezikhawulezayo ngamakhadi – zingaphantsi ngezi-6
Game: Fast maths with cards – 6 less

- Amakhadi amanani aqala ku-6 ukuya ku-16. Veza libe linye.
  Use number cards 6 to 16. Flip one.
- Thabatha ezi-6. Zama kwakhona. Khawulezisa!
  Subtract 6. Try again. Faster!
- Dlala uze uziqhelanise yonke imihla kule veki.
  Play and practise every day this week.

Bala uqale ku-0 uye kwi-100. Hambisa umnwe wakho kwisikwere se-100 xa ubala.
Count from 0 to 100. Move your finger along the 100 square as you count.

1 Bhala amanani ashiyiweyo kwisikwere se-100.
Fill in the missing numbers on the 100 square.

1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
11	12	13	14	15	16	17	18	19	20
21	22	23	24	25	26	27	28	29	30
31	32	33	34	35	36	37	38	39	40
41	42	43	44	45	46	47	48	49	50
51	52	53	54	55	56	57	58	59	60
61	62	63	64	65	66	67	68	69	70
71	72	73	74	75	76	77	78	79	80
81	82	83	84	85	86	87	88	89	90
91	92	93	94	95	96	97	98	99	100

2 Bhala.
Write.

lingaphantsi ngo-1 1 less	
80	81
94	95

lingaphezulu ngo-1 1 more	
81	82
95	96

inani eliphakathi the number between		
30	31	32
28	29	30

54

Isikwere se-100

3 Yandisa ipatheni.

Extend the pattern.

31	32	33	34	35	36	37	38	39	40
38	39	40	41	42	43	44	45	46	47
100	99	98	97	96	95	94	93	92	91
50	49	48	47	46	45	44	43	42	41

4

26 + 1 = 27	18 + 1 = 19	91 – 1 = 90	30 – 1 = 29
43 + 1 = 44	56 + 1 = 57	82 – 1 = 81	47 – 1 = 46

5 Bala ngezi-2 uqale ku-2 uye kwi-100. Fakela umbala kwizi-2.

Count in 2s from 2 to 100. Colour the 2s.

1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
11	12	13	14	15	16	17	18	19	20
21	22	23	24	25	26	27	28	29	30
31	32	33	34	35	36	37	38	39	40
41	42	43	44	45	46	47	48	49	50
51	52	53	54	55	56	57	58	59	60
61	62	63	64	65	66	67	68	69	70
71	72	73	74	75	76	77	78	79	80
81	82	83	84	85	86	87	88	89	90
91	92	93	94	95	96	97	98	99	100

6 Bala uye phambili ngezi-2.

Count forwards in 2s.

2	4	6	8	10	12	14
36	38	40	42	44	46	48

7 Bala ubuye umva ngezi-2.

Count backwards in 2s.

48	46	44	42	40	38	36
68	66	64	62	60	58	56

8 Bala uye phambili ngezi-2.

Count forwards in 2s.

2	4	6	8	10	12	14	16	18	20

9 7 + 8 = 15



I know ..., therefore I know ...

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS
UKUBALA NGOO-10 (0-200)
COUNTING 10S (0-200)
→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT
→ UMDLALO
GAME
→ AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Masifumane u5 + 2 = ____ sisebenzisa isikwere se-100.
Let's find 5 + 2 = ____ using a 100 square.

1

Ndibale imitsi emi-2 ukuya kufika kwisi-7.
I counted on 2 jumps to get to 7.

Masifumane u-35 + 2 = ____ sisebenzisa isikwere se-100.
Let's find 35 + 2 = ____ using the 100 square.



2

Ndibale imitsi emi-2 ukuya kufika kuma-37!
I counted on 2 jumps to get to 37!

Uqaphela ntoni kumanani esiwadibanisileyo?
What do you notice in the numbers we added?

3

Xa sidibanisa ezi-2 sitsiba zibe-2 ukuya ngasekunene!
When we add 2, we jump 2 to the right!

Omabini isi-5 nama-35 anemivo emi-5.
5 and 35 both have 5 ones!

Ama-35 anamashumi ama-3!
35 has 3 tens!

Isikwere se-100 sineepatheni esinokuzisebenzisa!
The 100 square has patterns we can use!

4

Ukuba uyazi ukuba 5 + 2 = 7, uyazi ukuba 35 + 2 =37.
If you know that 5 + 2 = 7, you also know that 35 + 2 = 37.

Masibone ukuba kwenzeka ntoni xa sithabatha ...
Let's see what happens when we subtract ...

Phinda la manyathelo angasentla usebenzise amanani amaninzi ahlukileyo uziqhelanise ukudibanisa nokuthabatha usebenzisa isikwere se-100. Bancedise abafundi babone ukuba 'Xa usazi ukuba 9-4 = 5, uza kwazi ukuba 49 -4 =45.

Repeat the steps above, using lots of different numbers to practise addition and subtraction using the 100 square. Help learners to see that 'if you know that 9 – 4 = 5, you will also know that 49 – 4 = 45'.

IVEKI • WEEK 6

USUKU 2 • DAY 2

Ndiyazi ... ngoko ke ndiyazi
I know ... therefore I know

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) → UKUBALA IZI-2 (0–50) (COUNTING 2S (0–50)) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)



Ukuba ndiyakwazi ukudibanisa nokuthabatha ukusuka ku-0 ukuya kwi-10, ndingakwazi ukudibanisa nokuthabatha ndiyokufika kwi-100. Qwalasela lo mgca.

If I can add and subtract from 0 to 10, I can also add and subtract up to 100. Look closely at this row.

Kumgca ngamnye siqala ukubala ku-1 siye kwi-10. Kulo mgca siqala ukubala kuma-31 siye kuma-40!

In each row, we count from 1 to 10. In this row, we count from 31 to 40!

1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
11	12	13	14	15	16	17	18	19	20
21	22	23	24	25	26	27	28	29	30
31	32	33	34	35	36	37	38	39	40
41	42	43	44	45	46	47	48	49	50
51	52	53	54	55	56	57	58	59	60
61	62	63	64	65	66	67	68	69	70
71	72	73	74	75	76	77	78	79	80
81	82	83	84	85	86	87	88	89	90
91	92	93	94	95	96	97	98	99	100

1

Ndiyazi ukuba 2 + 3 = 5. Ngoko ke ndiyazi ukuba 32 + 3 = 35.

I know that 2 + 3 = 5. Therefore, I know that 32 + 3 = 35.

+3

31	32	33	34	35	36	37	38	39	40

2 + 3 = 5	5 + 4 = 9	3 + 6 = 9
32 + 3 = 35	45 + 4 = 49	53 + 6 = 59

2

Ndiyazi ukuba 7 – 3 = 4. Ngoko ke ndiyazi ukuba 37 – 3 = 34.

I know that 7 – 3 = 4. Therefore, I know that 37 – 3 = 34.

–3

31	32	33	34	35	36	37	38	39	40

7 – 3 = 4	5 – 2 = 3	6 – 3 = 33
37 – 3 = 34	35 – 2 = 33	36 – 3 = 33

I know ..., therefore I know ...

3



Masijonge kuma-60. Kulo mgca sibala siqale kuma-61 ukuya kuma-70!

Let's look at the 60s.
In this row, we count from 61 to 70!

Ndiyazi ukuba 5 + 4 = 9. Ngoko ke ndiyazi ukuba 65 + 4 = 69.

I know that 5 + 4 = 9. Therefore, I know that 65 + 4 = 69.

+4

61	62	63	64	65	66	67	68	69	70

5 + 4 = 9 65 + 4 = 69	4 + 3 = 7 64 + 3 = 67	3 + 6 = 9 63 + 6 = 69
2 + 7 = 9 62 + 7 = 69	3 + 5 = 8 63 + 5 = 68	1 + 7 = 8 61 + 7 = 68

4

Ndiyazi ukuba 8 – 3 = 5. Ngoko ke ndiyazi ukuba 68 – 3 = 65.

I know that 8 – 3 = 5. Therefore, I know that 68 – 3 = 65.

–3

61	62	63	64	65	66	67	68	69	70

8 – 3 = 5 68 – 3 = 65	4 – 2 = 2 64 – 2 = 62	6 – 3 = 3 66 – 3 = 63
8 – 5 = 3 68 – 5 = 63	9 – 4 = 5 69 – 4 = 65	7 – 5 = 2 67 – 5 = 62

5 7 + 9 = 16



Elingaphezulu ngeshumi nelingaphantsi ngeshumi

